

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRIN SA YOPHUHLISO LWABAVELISI

Ifoto: Pietman Botha

Yenza isiggibo: **Umgaqo wokungahlakuli okanye owesiqhelo?**

SAKHONO SENUZO NGOMNYE WEMIQATHANGO EYIYONA IBALULEKILEYO EFANELE UKUSETYENZIWA EKUTHELEKISENI IMIGAQO EYAHLUKILEYO YOKUHLAKULA. NANGONA KUNJALO, KUKHO EMINYE IMIBA ELIQELA EKUFUNEKA NAYO IQWALASELWE XA KUSENZIWA ISI-GQIBO SOKUTSHINTSHA UKUSUSELA KUMGAQO WESIQHELO UKUYA KUMGAQO WOKUNGAHLAKULI.

Iziko leARC leeNkozo eziNcinane (ARC SGI) eBethlehem liqhube uva-vanyo lomboniso ukususela kwixesha lokulima lang-2001/2002 ukuya ngo-2006/2007 apho umbona nengqolowa bezilinywe njengezityalo ezi-kujekelezo lwezityalo kumgaqo wokungahlakuli nowesiqhelo.

Ujikeleziso lwezityalo zasehlotyeni nezasebusika luthetha amathuba amade efusi eenyanga ezilishumi ukuya kwezilishumi elinesibini phakathi kwezityalo. Eli nqaku lijolisw ekulinyweni kombona xa ulandela ingqolowa emva kwethuba elide lefusi.

UVAVANYO LWEMIBONISO EBETHLEHEM

Uvavanyo lwemiboniso lwalinywa emhlaben weAvalon ophantse ukgaxubani namhlaba wumbi nonobunzu obuphakathi kwama-500 mm ukuya kuma-600. I-pH yomhlaba yaqala ukulungiswa ngokufaka ikalika eyimfuneko. Imisebenzi eyenziwe kwiinkqubo ezahluka-hlukeneyo, emva kokuvunwa kwengqolowa ngoNovemba ukuya kuDisemba, ibonisa kwi**Theyibhile 1** (kwiphepha lesi-3).



Itheyibhile 1 ibonisa ukuba umgaqo wokungahlakuli uxhomekeke kuhela kutshabalaliso lokhula ngeekhemikhali logama umgaqo wesiqhelo usebenzisa iindleko zokulawula ukhula ngoomatshini nangeekhemikhali. Ukuze kuhutshelwe ecaleni iziphumo zemihla yokutyal eyahluka-hlukileyo, kuyo yomibini le migaqo kutyalye ngemini enye kwixesha ngalinye lokulima. Nangona kunjalo, imihla yokutyal yamaxesha ahluka-hlukileyo okulima yahluka ngokobukho bemvula.

Umhluo phakathi kweemveliso zamalungiselelo neendleko ngehek-tare zale migaqo mibini uthelikisa kwi**Theyibhile 2** (kwiphepha lesi-3). Ukubala iindleko zemigaqo, kusetyenziswe izindwe zamaxabiso angoku zababoneleli beemveliso zamalungiselelo. Imisebenzi yokulima ibiso-loko ingatshintshi kwithuba elide ngoko ke kungalindeleka ukuba iindleko zokulima zayo yomibini imigaqo nazo zisoloko zingatshintshi kwithuba elide ukuba amaxabiso eemveliso zamalungiselelo agcinvengatshintshi.

Ngokwethiyibile yesi-2, umgaqo wokungahlakuli usebenzisa iiyure zetrekta ezinganeno kakhulu ngoko ke kudingeka iitrekta nabasebenzi abambalwa ngehektare nganye, ukuze kubekho isiphumo sokuncipha kweendleko zokuhutywa komsebenzi malunga nalo mgaqo. Ngenxa yokuba iitrekta azisebenzi kakhulu kumgaqo wokungahlakuli, idizili neendleko zokukhanda zingaphantsi nge 54,4% ngehektare kunakumgaqo wesiqhelo.

Nangona kunjalo, iindleko zeekhemikhali zokhula ezingqalileyo kumgaqo wokungahlakuli ziyl-110%/ngehektare ngaphezulu kunezomgaqo wesiqhelo. Itheyibhile yesi-2 ibonisa ukuba iindleko ezingqalileyo neziguqu-guqukayo zomgaqo wokungahlakuli zingaphantsi nge 4% kunezomgaqo wesiqhelo.



AMAZWI AVELA... kuGraeme Engelbrecht

KUYO YONKE INTO ESIYENZAYO NESIFUMANA AMAVA KUYO, KUFUNEGA SIFUNDE OKUTHILE KUYO UKUZE SIKWAZI UKUZIPHUCULA UKUYA PHAMBILI – UKUSEBENZA BHETELE KWIXESHA ELIZAYO! UKUBA ASENZI NJALO LOO MAVA SIYA KUBA SIWALAHЛИ.

Eli hlobo belingumbono obukekayo – amanzi ebekuyo yonke indawo! Beliyimpendulo yemithandazo emininzi kakhulu, kodwa ingaba oko bekuyinene?

Sisoloko sixelelwa ukuba silungiselele iminyaka yembalela njengoko uMzantsi Afrika usisisulu sembaleta. Nangona kunjalo, amanzi agqithisileyo nawo anokuwubangela umonakalo. Ngethamsanqa, le ‘minyaka yamanzi’ yentlekele imbalwa kuneminyaka yembalela.

Ngoku sinethuba elinqabileyo lokubona ukuba zeziphi ezi ngxaki kwaye silungiselele iindawo ezineengxaki ezingaqhelanga kubonakala. Kufuneka kulungiswe imijelo yamanzi futhi nemihlabi ilungiselelwe ukunqanda ukuqukuqela kwamanzi. likhonto mazilungiswe okanye zongezwe ngokunjalo iindawo ezigwantya amanzi zivulwe ukuze amanzi ahambé. Ngoku lixesha elihle lokwenza ezi zilungiso. Nkqu nakunyaka onemvula eqheleke ngakumbi le mibandela iya kuhokelela ekuncipheni kwezityalo.

Kungoku kuphela, ngenxa yokubona okugqithise kakhulu nokuqaphleka lula ngokugqithisileyo, kodwa ukuba akulungiswa oko uya kuphinda ubone ukuncipha kwezityalo kwezi ndawo kwiminyaka eza kuba yeysiqhelo ezayo. Okubaluleke ngaphezu koko, ubonisiwe ngoku ukuba yeyiphi imihlabi okanye iindawo ezilinywayo zakho ezikwaziyo ukumelana nezi meko zibaxeleyo.

Kwabo bafumene imvula eyintsikelelo kwaze oko kwakhokelela kwisivuno esikhulu, ngoku lixesha lokuzama ukusebenzia imveliso eyintshiyekela – ukuzama ukukhulisa nokuphucula. Sifanele ukuba sesiqalisile ukuthengisa okanye ukulungiselela oko futhi silendele okukhulu!

Ukukhula kwishishini akuzange kwabonakala ngempahla yexabiso oyithengayo; nokuba umsebenzi wokupeyinta ungabukeka ukhazimla kangakanani kwitrektara entsha okanye koomatshini – akukhathaliseki ukuba usapho lucenga kangakanani ukuba kubekho iSUV entsha.

Ukukhula kufanele ukulinganisa ngenzuso eyandileyo. Kanti nengeniso eyandileyo okanye indawo eyandisiweyo yokulima zifanele ukwalatha inzuso eyandileyo, kungenjalo singatsho njani ukuba kukukhula kwenene? Ukuba ube nethamsanqa lokufumana isityalo esihle, musa ukuchitha ixesha ube ubuka ukukhangeleka kakuhle kwakho, sonke siyazi ukuba inkangeleko entle yinto yethutuya.

Thina njengabalimi sibukisa ngamahashe amancinane okanye ngamahashe eenqwelo? Amahashe eenqwelo awenza kakuhle umsebenzi! ■



Dibana nomhleli wethu OMTSHA WOLAWULO

USANDILE NGCAMPHALALA UNGENE KWIQELA LASEGRAIN SA NGOMHLA WOKU-1 KUMATSHI. NJENGOMLAWULI KWINKQUBO YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWABALIMI UZA KUNIKA UKHOKELO LWESICWANGCISO-CEBO SENKQUBO IPHELELE. OKU KUQUKA INKXASOMALI NONXIBELELWANO LOMNIKELI NGOKUNJALO NOPHUHLISO OLUQHUBAYO LWESIKOLO KUNYE NENKQUBO YEENGCEBISO. KWAKHONA UZA KUBA NGUMHELI WOLAWULO LWEMAGAZINI YEPULA/MVULA.

Njengoko ekhulele eSwaziland, utata wakhe esebezena kwishishini lomomba kulapho ubomi bakhe buye banxulumana nolimo khona. Ukujikelezwia ziingcali zolwazi ngomhlaba, kwenze ukuba lowo ube ngumsebenzi woqequesho ekuphela kwavo awaziyo ukuba ukhona. Wenja isiggibo sokuqwalasela imisebenzi yoqoqosho eyinxalenye yecandelo lolimo waza waqala ngokufumana iB.Tech yezoLimo ngokuLinywa kweziTyalo kwiYunesithi yobuChwepheshe yaseTshwane. Emva koko, uqhube ngezfundo zakhe efumana iziqinisekiso zempumelelo eziliqela, awekho amathandabuzzo okuba uwuxhobele ngenene umsebenzi aza kuwenza.

USandile uthi yena ungumntu wabantu kwaye ukholelwa ekwakhiveni kobudlelwane. ‘Ndiza kwesi sikhundla ngokunikela ngowlazi namava am. Ndiyazi ukuba kuninzi ekufuneka ndikufundile kwaye indlela yokukhula inde’. Uthi ngokuinisekileyo unako ukufunda kubalimi ukunyamezelza nokuziqhelanisa. ‘Kum eyona nto engummangaliso ngabalimi kukunyamezelza nokomelela kwabo. Uninzi Iwabali bethu lutsala nzima. Amandla abawasebenzisa ekubeni baphile ayamangalisa. Abapakishi nje baze bahambe kuphela; basebenzela impumelelo.’

Uyakholwa ukuba ugxiniso Iwenkqubo luya kuhlala luyinkxaso yemihla ngemihla yabalimi kwaye uyathemba ukuba uya kukwazi ukukoolela imali yokuqinisekisa ukuba izithintelo ezininzi abajongene nazo, zinako ukuncitshiswa.

USandile unqwenela ukubona kuyilwa iiblorho phakathi kweentlobo zoshishino ezahluka-hlukaneyo ukuze kuphuculwe inkxaso enikwa abalimi. ‘Xa sikhulisa ubambisano; siphucula uthungelwano lwethu; siphucula unxulumaniso oludibanisa amaqela asebenza kunye, ngaloo ndlela siphucula impumelelo yenqubo.’ ■

Isikhumbuzo

Usozilwimi weSesotho kwiPula/mvula, uGq Mfu William Tsiu, usishiye ngomhla wesi-7 ngoMatshi kulo nyaka. Sithumela uvelwano lwethu olonzulu ngenene kwinkosikazi yakhe, abantwana bakhe abahlanu nabazukulwana abalithoba.

Yenza isiqqibo...

IZIVUNO ZEMIGAQO EYAHLUKA-HLUKILEYO

Igrafu 1 ibonisa amanani okuna kwemvula ngokunjalo nezivuno zomgaqo wokungahlakuli nezomgaqo wesiqhelo kwiimvavanyo zemiboniso yamaxesha okulima ango-2001/2002 ukuya ngo-2006/2007.

Kubonakala ukuba bekungekho simbo esisigxina ekwahluka-hlukeni kwezivuno phakathi kwale migao. Ngowama-2003/2004 nowama-2005/2006 kufumanek izivuno ezithande ukuphucuka ngomgaqo wesiqhelo, kodwa kwamanye amaxesha okulima, umgaqo wokungahlakuli nawo uphucule izivuno ngokufanayo okanye phucukileyo kumongaqaqo wesiqhelo. Ngokuwalasela isivuno esingumyinge, masithi ekuhambeni kwexesha umgaqo wokungahlakuli usebenze phucukileyo.

ISAKHONO SENZUZO

Isakhono senzuzo sale migao mibini siboniswa **kwiGrafu 2**. Okwalathwa apha kukuba ixabiso lemveliso liphelele liziindleko eziguqu-guqukayo nelingqaliswayo, ngokunjalo nemida iphelele, njengesiseko sesakhono senzuzo.

Ixabiso lemveliso liphelele lisisivuno esiphinda-phindwe ngexabiso lesityalo. Ukubala umda uphelele, kuthatyathwa iindleko eziguqu-guqukayo nezabiwa ngokungqaliswayo kwixabiso leemveliso liphelele. **Umda uphelele** ke ngoko, yinzuzo phambi kokuba kuthatyathwe iindleko ezisigxina.



Igrafu 2 ibonisa ukuba isakhono senzuzo sale migao yahlukileyo sahluke emva kwexesha. Kwidinyaka emithandathu yoqwalasel.

1 *Imisebenzi ngokubanzi esetyenziswa kumgaqo wokungahlakuli nowesiqhelo eBethlehem.*

Inyanga	Umgaqo wokungahlakuli	Umgaqo wesiqhelo
Disemba	Isitshizi se-glyphosate	Ukukrazulwa okusidibi kwamasimi
Janyuwari		Ukuhlakula amasimi nzulu
Februwari	Isitshizi se-glyphosate	Ukulima amasimi okusidibi
Apreli		Ukulima amasimi okusidibi
Meyi	Isitshizi se-glyphosate	Isitshizi se-glyphosate
Okthobha	Isitshizi se-glyphosate	Ukulima amasimi okusidibi
Novembra	Ukulima umbona ($30\ 000$ ezityalo nge- ha^{-1}) $80\ kg\ N\ ha^{-1}$ kune nama- $27\ kg\ P\ ha^{-1}$ ayafakwa	Ukulima umbona ($30\ 000$ ezityalo nge- ha^{-1}) $80\ kg\ N\ ha^{-1}$ kune nama- $27\ kg\ P\ ha^{-1}$ ayafakwa
Novembra	Ukutshiza amasimi nge-acetochlor/atrazine/terbutylazine	Ukutshiza amasimi nge-acetochlor/atrazine/terbutylazine
Juni	Isivuno	Isivuno

2 *Umahluko weemveliso zamalungiselelo neendleko ngehektare nganye phakathi komgaqo wokungahlakuli nomgaqo wesiqhelo kuvalavano lwemiboniso eBethlehem.*

	Umgaqo wokungahlakuli	Umgaqo wesiqhelo
liyure zetrekta kude kube semva kokulima	0,92 h/ha	2,41 h/ha
lilitha zedizili ezisebenzileyo	35,05 yeelitha	74,45 yeelitha
I % yeendleko zamafutha	47%	100%
I % yeendleko zokukhanda	61%	100%
lindleko zezibulali zokhula	210%	100%
I % yeendleko eziguqukayo ezabiwa ngokungqalileyo	96%	100%



umgaqo wokungahlakuli ubi nezivuno zomda uphelele ezizezona zincomekayo kwizihlandlo ezine. Xa siqwalasela umyinge womda uphelele, umda uphelele womgaqo wokungahlakuli wogqitha umgaqo wesiqhelo nge-R1 180 ngehektare.

ISIPHELO

Ezi nkukacha zalatha ukuba nangona kungenakulindeleka londolozo lungako kwixesha elifutshane kwiindleko zeemveliso zamalungiselelo, xa kutshintshwa ukususela kumgaqo wesiqhelo ukuya kowokungahlakuli, oko kungandisa isakhono senzuzo semveliso yombona.

Aziqukwanga iindleko ezisisigxina kula manani. Njengoko kudingeka oomatshini abambalwa kumgaqo wokungahlakuli, ukwebla kwamaxabiso kuncinane kunoko kumgaqo wesiqhelo.

Nangawuphi umgaqo ziya kuba khona iingxaki. Malunga nomgaqo wokungahlakuli abalimi mabakhumbule ukuba izakhono zabo zobuchule bokulawula zifanele ukuphuculwa. Iimpazamo azinakulungiswa ngezixhobo zokusebenza kanti ukugcina ixesha kabaluleke kakhulu. Ukuba uytishiza emva kwexesha ikhemikhali yokhula, uya kubethka.

Phambi kokunena kumgaqo wokungahlakuli, qiniseka ukuba uyawuqonda kwaye unako ukuwulawula.



PIETMAN BOTHA,
UMBHALI KWIPULA IMVULA

IINKUTHAZO NEZIDODOBALALISI zeminyaka yama-2020 zibalulwe eNkomfeni

NKOMFA YONYAKA YASEGRAIN SA IQHUTYWE NGOBU-CHWEPHESHE NGOMHLA WESI-3 NOWESI-4 NGOMATSHI KWAYE KUSHUKUXWE UMXHOLO OTHI 'UKUTHEMBEKA KWAMAQONGA EENTENGISO ZEENKOZO'. ABATHUNYWA BELI LIZWE NGOKUBANZI BEBENENXAXHEBA BADE BAVOWUTA NGEZIXHOBO ZOHLOBO LWEKHOMPYUTHA.

IZIGANEKO ZENKOMFA

Injongo esentloko yeNkomfa kukuphengulula imisebenzi yombutho yonyaka odlulileyo nokunyula iinkokeli ezintsha. Nantsi eminye yemisebenzi ephengululwego:

Unyaka odlulileyo

Nangona ibingunya yaka wezivuno ezhile, ibikwangunya wentandabuzo enku. Sifunde ukubaluleka kokuba nombutho oya kukhokela abalimi kakuhle. Oku kuye kwacaca xa iGrain SA ibitsibela umsebenzi wokuquzelela iimvume zabalimi zokuqhube ngokuvuna nokunikelaga ngesityalo sabo kwizisele ngexesa lempumezo yomvalelandlwini.

I-Grain SA ibiqukiwe kwiqela leengcebiso zikamphathiswa malunga neCOVID ngoko ke ibisoloko iseziindabeni ngalo lonke ixesa. Umbutho ubuzimisele ukuqhube ngokuqwalasela iingxaki nokuzama ukuyihambella phambilimba imibandela yabali malunga nokufama okuncomekayo, okunozinzo nokunesakhono sokwenza inzuso.

Usihlalo uDerek Mathews uvakalewa ngamandla ngokuthi sifanele ukuzimisela ngokufumana isakhono senzuso kwimisebenzi yokufama. Asinakukhuthaza umlimi ukuba angene kushishino sibe sibona ukuba simkhuthaza ngamandla ukuba angene kvisigu samatyla.

Imigaqo yokuthengisa ngokungafihilisi malunga nendawo yentengiso ibiqwalselwe nzulu kulo nyaka uphelileyo. Kudala ubusoloko ubangela intloko ebuhlungu umahluko malunga nendawo kanti iGrain SA ngoku iyifuna shushu inkubo entsha ngokubambisana neYunivesithi yaseFree State.

Ulawulo Iwemali lubaluleke nakowuphi umbutho ofana neGrain SA. Umphathi wesiGqeba esiLawulayo, uJannie de Villiers, ebekholiwe kuku-xela ukuba iGrain SA iphindie yafumana uphicothozincwadi olungenamakhwiniba, meko leyo ephinda iqinisekise ukuba ingumgcini weengxowa zemali ezilawulayo onenkathalo.

Upchengululo lonyaka luqinisekise amalungu ukuba iqela laseGrain SA linobuchule obukhulu kwaye liyakwazi ukubhexesha nangona ngamanye amaxesha kukho iimeko eziyimingeni nemigxobhozo kuqoqosho olubanzi lolimo. Ishishini lethu likhuselkile ezandleni zeli qela xa thina bantu base-ntsimini sixakeke lushishino lokufama!

Unyulo Iweenkokeli

Usihlalo uDerek Mathews, umlimi kwisithili saseLichtenburg, uphinde wanyulelwia kwithuba elitsha lesikhundla ngaphandle kokuphikiswa. Uphinde wakuchaza akholelwia kuko 'Abalimi bafanele ukuba nelizwi futhi libe lilizwi elinamandla elinako ukumanyelwa!' Kwakhona uthe, 'Sifike kwixesha aphi okulungele umlimi ongumrhwebi kukwalungele umlimi orhweba kancinane. Kufuneka sifumane iindlela zokunika bonke abalimi izisombululo - ezikhulu okanye ezincinane.'

Usekela-sihlalo uRichard Kriel oqhuba ukufama kufuphi eCaledon kwaye ubandakanyeka kwiitasti ezinini ezinocwangco zolimo, uphinde wanyulelwia kwithuba elitsha lesikhundla.

Usekela-sihlalo uRamodisa Monaisa, ungumlimi waseRadithuso, eMntla Ntshona, uphinde wanyulelwia kwithuba elitsha lesikhundla. Ungusihlalo weQela eliSebenza ngoPhuhliso lwabaLimi kunye nePhahama Grain Phakama.



Nangona inkomfa eqhutywa ngobuchwepheshe ibingeontlanganiso yohlobo olulodwa yobuso ngobuso, ukuxhawulana ngezandla nokuncokola, ibiyimpumelelo emangalisayo ngokubhekiselele kwiqela laseGrain SA eliquuzelele esi siganeko nelenze intlanganiso yobuchwepheshe ibe lishishino olubonakala ngathi lolwesiqhelo.

Izithethi eziphamibili

lingcaphephe zondwendwe zithethe ngemibandela ebalulekileyo enefuthe kwiinkukatha ezimalunga neentengiso kunye nababhexeshi bamaxabiso.

Isithethi esilundwendwe, uGq Justin Choe, ingcali yophando ngezoqoqosho nengcaphephe kumgaqo-nkqubo ngorhwebo. UGq Choe uphawule ngokwenza iimveliso zolimo ehlabathini nangendlela iUSDA ejonge ngayo ukuqokelela iinkcukacha eziya kunceda ekuthathweni kwezigqibo nezinokuxhasa icandelo lezolimo ngeenkcukacha ezinokuthenjwa, ezinyanisekileyo nezingakhethi cala.

UNjingalwazi uJohan Willemse, ingcali yoqoqosho kulimo, uxoxe ngokuthembeka kwamaqonga eentengiso zeenkozo. Iminyaka yakhe emininzi yamava kuqoqosho lweenkozo zendawo iquka ukulandelwa kokusuka kwiinkqubo zeentengiso ezenziwa ngomjelo omnye ukuya kwiintengiso ezikhululekileyo esizaziyo namhla, kwenze ukuba imibono yakhe imameleke ngomdla. Utte okona kubalulekileyo kukuba abalimi mababe neenkukacha ezechanelekileyo ngeentengiso ngawo onke amaxesha. UWillemse ukhanyise indima ebalulekileyo yeSAGIS neye-Komiti yeeNgqikelelo zesiTyalo ekunikeni iinkcukacha ezingakhethi cala, ezithembekileyo malunga nezityalo.

Ukunyaniseka kweendaba

- UJannie de Villiers wazise iNkomfa ukuba kubunjwe iqumrhu elitsha elingangenisi nzuzo, iPhahama Grain Phakama ukwenzela inkubo yophuhliso lwabalimi. Injongo kukuqinisekisa ukuba umbutho uyayithobela iBEE nokuyila imijelo yenkasomali abaza kuxhamla kuyo abanikeli kwixesha elizayo.
- Le ibiyiNkomfa yokugqibela yoMphathi wesiGqeba esiLawulayo uJannie de Villiers njengoko esiya kumhlaphantsi ekupheleni kowama-2021. Uthethe ngeminyaka yakhe elishumi esenkonzwani yaseGrain SA esithi ngaphandle kwemingeni emininzi ngaphakathi nangaphandle kombutho, uziva ekwazile ukusabela kubizo 'lokukhonza' ngokunjalo 'ukukhuthaza' abanye. UDerek ubulele uJannie ngokuzinikela kwakhe kubalimi bee-nkozo kananjalo nangokwakha iqela elinika inkonzo eGrain SA. ■



JENNY MATHEWS,
UMBHALU KWIPULA IMVULA

icandelo 4 Indlela esezenza ngayo INTENGISO YOMBONA

ELI LINQAKU LOKUGQIBELA KUTHOTHO LWAMACA-ndevo AMANE ALILINGE LOKUHLALUTYA IMIBA-ndevo ESISISEKO NENEFUTHE KWINTENGISO YOMBONA. KWELI NQAKU KUZA KUXOXWA NGA-BATHABATHI-NXAXHEBA ABAHLUKA-HLUKENEYO NEENDIMA ZABO NGOKUNJALO NOKUBALULEKA KWEE-NKUKACHA MALUNGA NENTENGISO.

ABAKHUSELI Bamaxabiso Nabazingeli Benzozo

Kwintengiso yeemveliso ezivela kwezinye, kukho abathabathi-nxaxheba abahluka-hlukeneyo, abafana nabakhuseli bamaxabiso (abo banqwenela ukukhusela umngcipheko wamaxabiso) kune nabazingeli benzozo (abo bangena emngciphekweni wokufuna inzuzo).

Bayimfuneko abazingeli benzozo ukuze intengiso iqhubo kakuhle kuba banika intengiso imali eyongezelwego kune nethuba elandis-weyo labakhuseli bamaxabiso ukuba bangabi semngciphekweni. Imali efuneka kurhwebo ibaluleke kakhulu ekuqinisekiseni ukuba intengiso yexesha elizayo inokukwazi ukuqhoba imisebenzi yayo yolawulo lwemngcipheko yamaxabiso kune nogqithiselo. Ikhontrakthi zemali yexabiso (izixa eziphezulu zorhwebo kwikhontrakthi) ziqinisekisa ukuba ixabiso li-yibonakalisa ngenene imvumelwano yeqela elikhulu labathengi nabatengisi. Ikwavumela ukuba abathabathi-nxaxheba kwintengiso kube lula kubo ukungena okanye ukuvala imeko yeemveliso ezivela kwezinye.

Uphawu olubalulekileyo Iwentengiso enemali yexabiso kukuba sekuko abathengi nabathengisi abanolangazelelo ngalo lonke ixesha. Nangona kunjalo, akukho siqiniseko sokuba intengiso enemali yexabiso ingabako ngenjongo yokuphazamisa ikhontrakthi yemveliso ngawo onke amaxesha. Ezinye iikhontrakthi zexesha elizayo kune neenyanga ezithile zikhola uku-ba norhwebo oluthe kratya kwaye zinemali yexabiso ephezulu kunezinye.

Abazingeli benzozo ngabona banikeli basentloko kubukho bemali yexabiso entengisweni okanye ngokwempahla yexabiso. Ngabantu okanye ngamaziko azingela inzuzo kwizandiso okanye izinciphiso ezicingelwe kwangaphambili ngokwexabiso lentengiso elithile. Ngokwenza oku, bani-kela ngemali yoshishino edingeka kwimpumezo yobukho bemali yexabiso.

UKUBEKWA KWAMAXABISO

Njengoko sichazile kolu thotho Iwamanqaku, amaxabiso kumaqonga entengiso zeemveliso ezivela kwezinye abekwa ngokokutolikwa kweenku-

kacha ezifumaneka entengisweni nangeliphi ixesha elithile, ngokomthetho-siseko womthengi onolangazelelo, umthengisi onolangazelelo.

Amaxabiso exesa elizayo afunyaniswa kumqukuqelo wehlabathi onganqumamiyo weenkukacha onefuthe kokulindeleke kwintengiso neentengo zomthengi nomthengisi zangoku nezexesha elizayo. linkukacha ezaneleyo malunga nentengiso zingomnye wemibandela esentloko enegalelo ekuncitshisweni kwamathandabuzo nodala ukungafihilisi malunga nobume obufanelekileyo obungqonge umsebenzi owenziwayo.

Abarhwebi nabazingeli benzozo banobuntununtu malunga nokukh-tshwa kweenkukacha ezintsha, oku kuquka iingxelo zeszizwe nezehlabathi, ezifana nengxelo yeKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo kune nengxelo kune nengxelo yeHlabathi ngeeNtengiso neeNtengo kwezoLimo, enendima ebalulekileyo ekwenzeni iziqqibo ngorhwebo kwiqonga leentengiso zo-mbona kwixesha elizayo eMzantsi Afrika.

Ifuthe linokuqwalaselwa kwiinguquko ezibalulekileyo zokungazinzi kw-intengiso zexesha elizayo phambi kwemihla yeengxelo ezikhankanyiweyo zeli lizwe nezehlabathi. Ixabiso leenkozo, ngakumbi elombona omhlophe, kwintengiso yeemveliso ezivela kwezinye libekwa ngokokutolikwa kweenkukacha ezinxulumene nemibandela elandelayo:

- Imvula elindelekileyo.
- Imeko yentengiso nentengo yeli lizwe.
- Imeko yentengiso nentengo yeenginqi.
- Imeko yentengiso nentengo yehlabathi kune namaxabiso ehlabathi.
- Iqondo lotshintshiselwano.

Elokugqibela, ukuba nabazingeli benzozo kwiqonga leentengiso kudala ubukho bemali yexabiso kanti ubukho beenkukacha bувумела ulungele-Iwaniso lommandla wenxaxheba ngabo bonke abenzi beendima kunci-phise amathuba enqatho malunga nokubekwa kwamaxabiso. Ubukho beenkukacha buncheda abalimi ngokwenza iziqqibo – oko kukuthi, abafanele ukukulima nangezicwangciso-cebo zokuthengisa. Buncheda ngo-kuthi umntu akuqonde futhi ade akwazi ukulicingela kwangaphambili ugungqa-gungqo kwiqonga leentengiso. ■



IKAGENG MALULEKE,
INGCALI YEZOQOQOSHOKULIMO, EGRAIN SA

**HELPING FARMERS
STAND AS TALL
AND PROUD AS
THEIR CROPS**



PANNAR®
Together we farm
for the future™

CORTEVA™
agriculture

TM © Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.
© 2021 Corteva. 2021/CORP/PI/007DEV

likhontrakthi zengqesho: Lumkela ezi zigingqi



KWILINGE LOKUQINISEKISA ISAKHONO SENZUZO NOZINZO KWISHISHINI, ABAQESHI BAJONGANA NEMINGCIPHEKO EMININZI KUMASHISHINI ABO. UBUDLELWANE PHAKATHI KOMQESHI-NOMSEBENZI BOBUNYE BALE MINGCIPHEKO KWAYE BUFANELE UKULAWULWA NGOKWEMITHETHO YONKE YOBUDLELWANE BABASEBENZI. UKUBAMBELELA KULE MITTHETHO AKUFUNI THETHA-THETHWANO KALOKU ULAWULO OLUSILELAYO LUBANGELA UMNGCIPHEKO WOSHISHINO MALUNGA NABASEBENZI.

EMzantsi Afrika, ubudlelthane bomqeshi-nomsebenzi bulawulwa nzulu ngeqela lemitetho yabasebenzi kwaye iyasetyenziswa nokuba bangaphi abasebenzi okanye nokuba abasebenzi basisigxina okanye bangena ngamaxesha athile.

YAZI IKHONTRAKTHI YAKHO

Ukuze lufaneleke ulawulo lobudlelwane bomsebenzi-nomqeshi, kufuneka ikhontrakthi efanelekileyo yengqesho kuba iluxwebhu olubalulekileyo. Olu xwebhu luyikhontrakthi phakathi komqeshi nomsebenzi aphi umsebenzi anikela ngeenkonzo zakhe kwithuba lexesha, ngokomvuzo wakhe, ngokunjalo phantsi kwegunya lomqeshi.

Isikingqi sokuqala – imithetho yobudlelwane babasebenzi

Yonke imiqathango yengqesho ifanele ukuhambelana nayo yonke imithetho yobudlelwane babasebenzi kanti loo mithetho imisela imiqathango eyiyona imbalwa. Umzekelo, uMthetho weMiqathango esisiSeko seNgqesho (the Basic Conditions of Employment Act - BCEA) unika ubonelelo Iweentsuku zokusebenza ezili-15 zekhefu lonyaka obona buncinane, ngoko ke umqeshi akafanelanga kunika abasebenzi iintsuku ezilishumi kuphela.

Nangona, kungengomthetho ofuneke ngqongqo ngokwasemthethweni ukuba ikhontrakthi ibhalwe, kucetyiswa ikhontrakthi ebhaliwego kangangoko. Kakade yinto edingekayo ukuyibhala ikhontrakthi njengoko ngokweNqaku lama-29 loMthetho weMiqathango esisiSeko seNgqesho kufuneka iinkcukacha ezithile zengqesho (igama, umvuzo, iiyure zomsebenzi, njalo njalo) kwaye kufuneka linikwe umsebenzi libhaliwe xa eqalisa ngengqesho yakhe.

Kukwacetyiswa ukubandakanya imiba ebhekiselele kokulindeleke emntwini malunga nokuthobela imithetho nemimiselo yomqeshi, iinkqubo zoluleko nezezikhalazo ngokunjalo nemiqathango yezempiro nokhuseleko.

Ukuze ikhontrakthi yengqesho isezenze, omabini amaqela afanele ukuvumelana ngeenkonzo ezifanele ukunikwa ngumqeshi kunya nomvuzo womsebenzi oza kuhaululwa ngumqeshi. Makufikwe kwimvumelwano ngomoya woxolo ngaphandle kwenkohliso, izothuso, okanye iimpembelelo ezingafanelekanga. Ngawo onke amaxesha eqeshiwe umsebenzi nokuba sisigxina okanye yingqesho yethutiana, kufanele kwensiwe ikhontrakthi yengqesho.

Omabini amaqela mawabe nesakhono esiyimfuneko sokungena kwikhontrakthi:

- Xa umsebenzi engaphantsi kwiminyaka engama-21 ubudala, umzali okanye omele umzali wakhe makamncedise ukuze kuqosheliswe ikhontrakthi.
- Abantu abaphantsi kweempembelelo zotywala okanye nasiphi esinye isiyobisi esibangela uxhomekeko abanaso isakhono sokungena kwikhontrakthi.
- Umsebenzi makakwazi ukunika iinkonzo ngokwemvumelwano. Ngokunjalo ikhontrakthi yengqesho ayifanelanga kuchasana nawo nawuphi umthetho-siseko wawo nawuphi umthetho kwaye mayi-

ngangquzulani nazo naziphi iinqobo zokuziphatha okanye izithethe zocwangco phakathi koluntu.

Isikingqi sesibini – ikhontrakthi ezenziwa ngokuthetha

Bulawule ngekhontrakthi ebhaliwego ubudlelwane bomqeshi nomsebenzi ukuthintela nawaphi amathandabuzo, iingxabano okanye unquzzulwano. Ikhontrakthi ebhaliwego idala ukucaciseleka ngokuqinisekisa imimiselo nemiqathango yengqesho ize ikhusele omabini amaqela.

Isikingqi sesithathu – ukusayina ikhontrakthi

UMthetho awudingi mvumelwano ibhaliwego efanele ukusayinwa ngawo omabini amaqela. Nangona kunjalo, kuluncedo kumqeshi na-kumqeshwa ukusayina imvumelwano kuba ngeso senzo loo mvumelwano inganyanzeliswa ngokwasemthethweni.

Isikingqi sesine – iikopi

Umsebenzi makanikwe ikopi esayiniwego yekhontrakthi kodwa eyentsusa ikopi mayigcinwe kwifayili yeenkcukacha zoluqu bakhe. Ukuba unokufumana utelelo oluvela kubahloli bobudlelwane babasebenzi beSeBe leNgqesho nobuDlelwane babaSebenzi, iikhontrakthi zengqesho ziya kuba ngamanye amaxwebhu okuqala ekuya kufuneka ehloliwe.

Isikingqi sesihlanu – izilungiso

Umqeshi akavumelekanga ukuguqula okanye ukutshintsha ikhontrakthi yedwa, oko kukuthi, ngaphandle kwemvume yomsebenzi. Naluphi utshintsho olwensiwa kwikhontrakthi yengqesho oluyimfuneko ngesizathu esinxulumene neshishini lufanele ukuba yimvumelwano kwaye luqinisekiswe ngokubhala. Xa utshintsho kwikhontrakthi yengqesho oluyimfuneko kufuneka kuphinde kuqwalaselwe iinkcukacha ezibhaliwego mhlawumbi ngokubyelela kwikhontrakthi eyintsusa okanye ngokongeza isihlomelo kwikhontrakthi. Okubaluleke ngakumbi kwakhona kukunika umsebenzi ikopi yekhontrakthi ebuyeletwego okanye isihlomelo.

ISISHWANKATHELO

Abaqeshi abangasebenzi ngokwezhokelo ezimisewa ngokomthetho wobudlelwane babasebenzi basenokujongana nezohlwayo eziqatha, ukavalwa kweshishini okanye ixesa lokualelwera etrongweni. Ukuba uyenza ngokwakho impumezo yekhontrakthi zenkonzo, luxanduva olunzima olo, kanti impumezo leyo iba ngumthwalo wolawulo. Kufuneka isuke ingqondo ekuben iikhontrakthi zengqesho ‘zungumthwalo wolawulo’ ibe sekubeni ‘zikwasisixhobo sokunciphisa imingcipheko’, esikwaziyo ukulondoloza ixesa nemali yomqeshi kwithuba elide.

Umthetho-siseko ophambili ufanele ukusoloko ujoliswe kulawulo olufanelekileyo nolulungileyo, ubonakalise umfuziselo wakho onika ithemba nohloniphekileyo njengomqeshi futhi ubonise umgangatho ophezelu wolawulo.

Imingcipheko emalunga nobudlelwane babasebenzi yiqwalasele ingekehli ngokubambelela kuzo zonke iimfuneko zasemthethweni. Xa usebenzisa lo mqaqo uya kuba negalelo elikhulu kuzinzo nesakhono sefama yakho ngokunjalo uqinisekise ubume basemsebenzini obunongzulwano nokungaondani okunciphileyo. Ekugqibeleni oku kudala ubume obungqongwe sisakhono sokuhula. ■



MARIUS GREYLING,
UMBHALI KWIPULA IMVULA

Inkqubo egugula ubomi babantu



Ingxelo

Makhe siqwalasele imisebenzi eyenziwa kwingingqi yaseMpuma Koloni

IOFISI yethu ephambili yophuhliso eMpuma Koloni iseKokstad. Iofisi yengingqi ilawulwa ngumququzeleli wophuhliso, uLuke Collier, oncediswa ngumncedisi wolawulo lweofisi, uLuthando Diko. Le ofisi inika inkonzo kwindawo ebanzi ukususela kuKomani ukuya elxopo naseUmzimkulu KwaZulu-Natal.

Ulimo ngumsebenzi obalulekileyo kuqoqosho kwezi ngingqi kwaye lunefuthe ekuziphiliseni kabantu nakubukho bokuya okwaneleyo emakhayeni abahlali basemaphandleni abazigidi. lintlobo zemisebenzi yokufama apha azifani ziayluka-hlukaniswa kanti ofisi yaseKokstad ubukhulu becalo inika iingcebiso kubalimi abalimela ukuziphilisa nabarhweba kancinane.

limeko zikulungele kakuhle ukulinywa kombona, oojongilanga, iimboty zesoya kune neembotyi ezomileyo kanti njengoko abalimi abanini befumana izivuno ezincomekayo, usemkhulu umsebenzi ofanele ukwenziwa kuba ngokubanzi izivuno ezifunyeneyo zinganeno kakhulu kwezesakhono sengingqi. Siyathanda ukudibana nabalimi abatsha ukuze sibancedise ekubenzi amashishini abo okufama afikelele kuzinzo. Ngamanye amaxesha siba nohambo lwemigama emide side sijongane nomngeni wokulambatha kwasakhono sethu njengabantu ukuze sihlangabeze zonke izidingo zabalimi.

Ziliqela iiprojekthi abanenxaxheba kuzo abalimi kule ngingqi ezifana neprojekthi yeNgaphaya kweNdyebo (Beyond Abundance) elandela iiprojekthi ephumelele kakhulu ethi 'Ukususela kuLimo lokusiPhilisa ukuya kwiNdyebo' neyasungulwa ngenkxaso yeJobs Fund. Loo projekthi yayineqela elizinikeleyo labacebisi, kodwa ngelishwa asikwazanga kuphindia sifumane nkasomali yabacebisi malunga neprojekthi yeNgaphaya kweNdyebo, kanti ukungabikhо kwenkxaso eyaneleyo yabacebisi kubonakala cacileyo ngenkqubela ecothayo kwsigaba sabalimi abasaqalayo. Abaqulunqi bemigaqonkqubo abanini kakhulu abakuqondi ukabaluleka kwendima yobudlelwane obulungileyo babacebisi ekudaleni amashishini okufama anozinzo. Xa abacebisi befinca indima ebanzi bakhawuleza baziqaphele iindawo ezinenkathazo ukuze bakwazi ukucebisa abalimi iindlela abanokuzihlangabeza ngazo iingxaki. Uktushatyalaliswa kokhula kuyenyen yemibandela enjengaleyo. Ukuba iingxaki ezinjalo zikhawuleza zihlangatyeze ngezenzo ezichanekileyo, ipesenti enku yesityalo ingalondolozeka.

Ingxelo ezivela kuLuke ngezityalo ziyakhuthaza kulo nyaka. Abalimi bajonge phambili kwizivuno ezihe. Kwiindawo ezithile imvula ibiggithisile zaze ezo zityalo zonakala kancinane.

ULuke uziva enemincili malunga neeprojekthi ezimbini ezintsha kule ngingqi:

- Enye ikwindawo yaseCofimvaba apho abalimi balima khona umbona. Bebefumene iimvula ezintle kanti nezivuno zincomeka ngokumangalisyayo.
- Enye iiprojekthi isetyenzwa ngabalimi abasibhozo (abalimi bokuya ezitieni) kwihektae ezisi-8 eMsikaba kufuphi eLusikisiki apho amava akhe okunka amacebiso emvuze kakhulu. Intlanganiso yeqela lofundonzulu ilandelwe yimboniso ebisensiwa.

Aba balimi bafumene inkxaso exabisekileyo ngokweentlobo ezahluka-hlukaneyo zamashishini olimo afana neKokstad Milling (eleemveliso zamalungiselelo), iKynoch (elezhumiso), iBayer (elembewu), iUAP Crop Care (eleekhemikhali) neFarm-Ag (eleekhemikhali). Sibabulela kakhulu abahlulelana ababelana nathi ngombono wethu wokutshintsha ubomi babantu.

ULUKE UCEBISA ABALIMI EMSIKABA KUFUPHI ELUSIKISIKI.



Kwembiwa imingxuma yenkanjeleko yemihlaba. Kutyalwa imbewu ngesandla.



Kugalelwa izichumiso ngokusebenza isisasazi sezichumiso emiqolweni nesibanjwa ngesandla esinye.



Intsimi elinywe ngocwangco.

UKUBALULEKA kobambiswano

I-MAIZE Trust isoloko ingumahlulelane obalulekileyo nothembekileyo onegalelo ekuphuculweni nasekupuhulnisweni kwecandelo lombona eMzantsi Afrika, ngokusebenza inkxasomali esoloko ikhona yakhe njengomnikeli kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi. Olu Iwahlu-lelwano iuyaqhuba ngokwenza umahluko ngokunikela kwimpumezo yokudlulisela kabantye ulwazi kune nophuhliso lwezakhono zobuchule malunga nemingeni emininzi elijongene nayo icandelo lolimo. Siyalubulela ubambiswano nokwabelana ngombono ngokunjalo nokuabalazela inqqi ngokuphendula ngezenzo zethu ngendlela esiluhlonle ngayo ubizo IweMaize Trust nangokunikelwa kweenkxasomali ukuze kudluliselwe kwabanye ulwazi ngokulinwa kombona nangoshishino lombona ngokubanzi.

Kumahlelo exesha elizayo siza kukhanyisa ubambiswano lwethu neOil and Protein Development Trust kune neWinter Cereals Trust ngokunjalo nabanye esibambisene nabo abasentloko. ■

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087

Lynnwood Ridge

0040

■ 08600 47246

■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Sandile Ngcamphalala

■ 082 862 1991 ■ lofisi: 012 943 8296

■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285

liana@grainsa.co.za

UMAHULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING

Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz

■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716

■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Joritha Hechter



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)

■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)

■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mertz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)

■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)

■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)

■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)

■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi

Mthatha

■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za

■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA

NGEELWMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

Umgaqo wokomeleza Icandelo 3 ukufuywa kweenkuu zenyama

AMANQAKU AMABINI ADLU-LILEYO AQUKE IMIBA EBANZI YOKUFUYWA KWEENKUKU ZENYAMA KUNYE NEMINYE YEMIBANDELA EBA-LULEKILEYO YOLAWULO EKUQALISENI OKULUNGILEYO EMVA KOKUBEKWA KWAMANTSHONTSHO ANOSUKU OLUNYE UBUDALA. ELI NOQAKU LIQWALASELA IINJONGO ZOMGANGATHO WENKUBO NEMINYE IMIBA.

Kucingeleka ukuba kulandelwe okufanelekileyo kwaye imigqaliselo yokukhula iphunyeziwe kwisigaba sokuqala semveliso kunye nokukhula okungaphaya kwasemva kwezabelo zasekuqaleni, isikhulisi nesiqoshelisi phantsi kweemeko zakho.

Isondlo sokuqala siya kunikwa kusuku lokuqala ukuya kwiintsku ezilishumi okanye zingade zibe li-14. Izabelo.zesikhulisi ukususa loka kwiintsku ezili-11 ukuya kwezingama-25 ukuze isiqoshelisi sibe kwiintsku ezingama-26 ukuya kwezingama-42. Abanye abalimi banako nokusebenzisa isabelo esongezelelwayo esilungiselelwue ukusetyenziswa emva kweentsuku ezingama-42. Oku kungalunga xa isixa ekufuneka sixheliwe sisikhulu okanye xa kusenzelwa intengiso yeentaka eziphilayo.

IINJONGO NGOMGANGATHO WENKUBO

Gcina iingxelo ezbihalwe ngesandla nezise-khompyutheni njengoko ushishino lweenkuu likufanele ukugcinwa kweengxelo ezinobucukuhede ngeemveliso zemihla ngemihla.

Kufuneka kugcinwe iinkcukacha ezaneleyo ukuba nayiphi imibandela yokwahlu-hluka malunga nemigangatho yokusebenza njengoko ichazwe nguRoss, uCob okanye uArbor-Acres ibe nako ukuchazwa. Ukugcinwa kwamanyi nezicuku ezifikayo ziya kwahluka ngokomgangatho wenkubo. Nakuphi ukufa okungaphezu kwe 5% kufanele ukuchazwa ngokupheleleyo kuba nakuphi okunye okunokwenzenka kungaba nefuthe elikhulu kwisakhono senzuso. Xa ulawulo lulungile yinto eyenzekayo ukugcinwa ukufa kunganeno kwi 3% nokubulawa kube phakathi kwe 1% ne 2%.

Ukusetyenziswa kwamanzi nesondlo ma-kuqwelaselwe futhi iingxelo zigcinwe yonke

imihla ukuze kubonakale ukuba ingaba iintaka zisela ngokwaneleyo na ngokulungelelana nesondlo sazo. Iintaka zifanele ukulinganiswa esikalini qho ngeveki (obona buncinane) ngokucaphula iisampulu ngokungakhethiyo zibekwe esikalini ekupheleni kweveki nganye.

Isixa sezondlo ezisetyenziswa endlwini siya kwahlulwa ngokwamanani avunwayo (**Ithe-yibhile 1**). Oku kungatenele nemi gangatho yenqubo ngokohlobo oluthile olusetyenziswa kwifama yakho.

Ulwalamano lokuguqulwa kwezondlo ke ngoku kuya kuba ngama-4 475 g olwahlulwa ngama-2 340 g kuze kuphume i-1,91. Oku kuthetha ukuba i 1.91 yekhilogram sezondlo yenza ikhilogram e-1 yentaka ephilayo. Lowo ngumda obalulekileyo ofanele ukukhawuleza ubonakale ukuba ishishini liyaphila ngokoqoqo-sho. Ulwalamano lwe 1,85 luncomeka kakhulu.

Eminye imibandela efanele ukugcinwa kwiingxelo bubudala ngokweentsuku neeveki zezifayo nezibulawayo, inani lezifayo nezibulawayo liphelele malunga nokufa okuqheleleyo, ubunzima bomzimba obuchanekileyo ngeveki nganye ngokutenele nobunzima bomzimba obuqheleleyo kune nomahluko.

Qaphela umba oncomekayo womgangatho wenkubo (PEF) osetyenziswa ngabaphathi abanini bomhlambi xa behlalutya iziphumo ngokubanzi ukususa loka kwiqicuku okanye endlwini. Oku kubalwa ngokusebenzisa ubunzima obuphilayo, ukuphila (ipesenti yeentaka ezsindileyo), ubudala ngexesha lokuncipha kweentsuku okanye elokuvuna ngokunjalo no-lwalamano lwenguqoko kwizondlo. Esi sibalo senze emva kokuqonda ifomula esetyenzisiweyo. Thelekisa inani lakho neqondo ngokubanzi lomgangatho wenkubo nelabanye abalimi.

ISIPHELO

Sebeniza iinkcukacha ezicinciyeyo neziphumo eziphunyeziweyo ngokunjalo nengxelo echanekileyo yeendleko ukuze ufumanise umda malunga neendleko ezingqalileyo. Esi sibalo sifanele ukunika ithemba. lindleko zakho ezi-sisigxina zokuqhube umsebenzi zinako ke ngoko ukuthathyathwa ukubonisa inzuzo eyiyo.

1 Ukusetyenziswa kwezondlo kuphelele.

Ubudala ngeeveki	Ubunzima benkuu yenya (iigram/ngentaka)	Ukusetyenziswa kwezondlo kuphelele (kg/nge-300 yeentaka)	Ukusetyenziswa kwezondlo ngeveki (iigram/ngenkuku yenya)
0	42		
1	120	42	140
2	361	123	410
3	795	231	770
4	1 327	294	980
5	1 723	303	1 010
6	2 340	349,5	1 165
Kuphelele	2 340	1 342,5	4 475

RICHARD MCPHERSON,
UMBHALI KWIPULA IMVULA



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST